


# Ukuhlonyelwa kweCandelo 25 loMgaqo-siseko

**IKomiti eDibeneyo yoHlaziyo loMgaqo-siseko (i-CRC eDibeneyo)** ibambe iindibano zovakaliso-zimvo kuwo onke amaphondo oMzantsi Afrika ngonyaka wama-2018. Isizathu eseingundoqo sokubanjwa kwezi ntlanganiso zoluntu kulo lonke eli kukufuna ukufumana ngokupheleleyo izimvo zoluntu malunga nokuHlonyelwa kweCandelo 25 loMgaqo-siseko.

Ngexesha lezi ndibano zovakaliso-zimvo, le mibuzo ilandelayo yabuzwa ukuze kuvele poqo iimbono ezibambekayo nezivakalayo ezibuzwa luluntu:

- **Ingaba iCandelo 25 lo Mgaqo-siseko liyakuthintela kusini na ukohluthwa komhlaba ngaphandle kwembuyekezo?**
- **Ungathanda ukubona kwenziwe ngokutsha zinto zini ukuphucula indlela yokuphunyezwa kweCandelo 25 lo Mgaqo-siseko?**



## Ngubani ekufuneka athathe inxaxheba kwaye njani?

Bonke abantu abanomdla kunye namaqela achaphazelekayo, uluntu kunye namalungu emibutho ethile ayamenywa ukuba athathe inxaxheba ngokuthi: Bangenise iziphakamiso ezibhaliweyo bazithumele kwiKomiti yeThutyana ejongene nokuhlonyelwa kweCandelo 25 loMgaqo-siseko. Iziphakamiso kufuneka zithunyelwe ngqo kuNobhala weKomiti yeThutyana, uMnu Vhonani Ramaano ngaphambi komhla wama-29 kweyoMdumba 2020.

- **Idilesi: 3rd floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000**
- **I-imeyile: [section25@parliament.gov.za](mailto:section25@parliament.gov.za)**
- **U-WhatsApp: 081 410 5932**

## Ukuba yinxalenye yeendibano zovakaliso-zimvo:

indibano zovakaliso-zimvo ziyakuhlalelwa kuwo onke amaphondo ukusukela ngomhla wama-28 kweyoMdumbay 2020 kwiezithili kunye noomasipala abambhaxa abaninzi kulo lonke eli lizwe.

Imeko yokuvalwa kwelizwe eyabhengezwa nguMongameli Cyril Ramaphosa ngenyanga yoKwindla ngenxa kabhubhane we-Covid-19 yaye yanzelisa ukuba iindibano zovakaliso zimvo zihlehliselwe elinye ixesha kumaphondo amathathu angala: iLimpopo, Mntla Koloni kunye neNtshona Koloni. Kuba ngoku sikwisigaba sokuqala sokuvalwa kwelizwe, iindibano zovakaliso-zimvo zoluntu ziza kuqalisa ukuhlalelwa ukusuka ngomhla wama-22 kweyeDwarha ukuya kowama-31 kweyeDwarha 2020.

Ngolwazi oluthe vetshe ngokuphathelele neziphakamiso kunye neendibano zovakaliso-zimvo zalo Mthetho oYilwayo, kufuneka uqhakamshelane noNobhala weKomiti yeThutyana ejongene nokuhlonyelwa kweCandelo 25 loMgaqo-siseko, uMnu Vhonani Ramaano kwezi nombolo:


- **Umnxeba: (021) 403 3820**
- **Iselula: 083 709 8427**
- **I-imeyile: [vramaano@parliament.gov.za](mailto:vramaano@parliament.gov.za)**



# Yintoni eyenzekileyo emva kweendibano zovakaliso-zimvo zonyaka wama-2018?

**IKomiti eDibeneyo yoHlaziyo loMgaqo-siseko ibhale phantsi ingxelo yaze yayithi thaca kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe (i-NA). Ingxelo leyo iqulathe le miba ilandelayo ingundoqo nethe yaphakanyiswa luluntu:**

- Kukho ingxaki yokuba umhlaba kweli lizwe ube sezandleni zegcuntswana labambalwa
- Ilungelo lokuba nomhlaba labasebenzi basezifama, abo bahlala ezifama kunye nabo bahlala kumhlaba olawulwa luluntu lulonke nalowo ulawulwa yiTrasti kufuneka likhuselwe.
- Urhwaphilizo, ukungabikho kwemali eyaneleyo eyabelwe umsebenzi wokwenza iinguqu kwezemihlaba, ngokunjalo nokungabinamandla ngokupheleleyo kukarhulumente zichazwe njengemingeni ethintela inkqubo yeenguqu kwezemihlaba.
- Urhulumente uyacelwa ukuba aqulunqe isicwangciso-qhinga esinika ingcaciso ngomba wokwabiwa komhlaba ngokutsha ukwenzela ukulungiswa komonakalo owashiywa ngumbuso wangaphambili.
- UMgaqo-siseko kufuneka uyicacise indlela yokohluthwa komhlaba ngaphandle kwembuyekezo njengenyathelo elisemthethweni lwenguqu kwezemihlaba.




isiXhosa



PARLIAMENT OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## UKUHLONYELWA KWECANDELO 25 LOMGAQO-SISEKO



parliamentofrsa



# UKUHLONYELWA KWECANDELO 25 LOMGAQO-SISEKO

## Zeziphi iimbono eziphakanyiswe ngamandla luluntu ngexesha lezi ndibano zovakaliso-zimvo?

### Iindibano zovakaliso-zimvo ziphume neembono ezimbini eziphikisanayo.

Imbono yokuqala yile yokuba iCandelo 25 lilo elithintela ukohluthwa komhlaba ngaphandle kwembuyekiso, kwaye kufuneka lihlonyelwe. Ngoku ngakumbi, amaCandelo 25 (1), 25 (2) (b) kunye 25(3) aphakanyiswe njengawona anika ingxaki. La macandelo abonwa njengamacandelo akhusela amalungelo empahla eyayifunyenwee ngexesha lenkqubo yobukholoniyali nocalucalulo.

Imbono yesibini yileyo ithi ngale ndlela uyiyo ngoku uMgaqo-siseko uyakuvumela ukohluthwa komhlaba ngaphandle kwembuyekiso. Le mbono ixhaswa licandelo (2) (a), elo likuchaza ngokucacileyo ukuba impahla ingohluthwa kuphela ngokubhekiselele kumthetho osetyenziswa ngokufanayo kumntu wonke.

Abo bakuchasayo ukuhlonyelwa kweCandelo 25 baphakamisa nokuba iPalamente iwurhoxise uMthetho wokoHluthwa (63 wowe-1975), ize icokise noMthetho oYilwayo wokoHluthwa koMhlaba oseluyilo iwenze uhambelane neCandelo 25.

## Zithini iziphakamiso ezenziwe yiKomiti eDibeneyo yoHlaziyo loMgaqo-siseko kungoku nje?

### Isiphakamiso 1:

ICandelo 25 loMgaqo-siseko kufuneka lihlonyelwe kwaye licacise ngokuphangaleleyo ngokohluthwa komhlaba nempahla ngaphandle kwembuyekiso. Oku kungalungisa umonakalo owenziwa mandulo wokohluthwa komhlaba, ukuqinisekisa ukufumana umhlaba ngokufanelekileyo kunye nokuxhobisa uninzi lwabantu baseMzantsi Afrika.

### Isiphakamiso 2:

IPalamente kufuneka ngokukhawuleza imisele inkqubo efanelekileyo yokwenza isihlomelo esifanelekileyo kwiCandelo 25 loMgaqo-siseko.

### Isiphakamiso 3:

IPalamente kufuneka ithi thaca, iqkumbele ize iphumeze uMthetho-sihlomelo oYilwayo woMgaqo-siseko ngaphambi kokuphela kwexesha lale Palamente yesi-5 yombuso olawulwa ngokwentando yesininzi ukuvumela inkqubo yokohluthwa komhlaba ngaphandle kwembuyekiso.

**Le Palamente ye-6 isebenzayo ngoku yenza unakho-nakho wokuqoshelisa esi sihlomelo siphakanyisiweyo.**

## Iinjongo zoMthetho oYilwayo

### Icandelwana 2 (b)

Linika inkundla yomthetho igunya lokuba ithathe isigqibo ngokungakhutshwa kwembuyekiso xa umhlaba okanye impahla yohluthiwe ngenxa yenguqu kwezomhlaba.

### Icandelwano 3

Licacisa imiqathango kunye neemeko ekufuneka zinikwe ingqwalasela xa kuthathwa isigqibo yinkundla malunga nesixa-mali sembuyekiso.

### Icandelwana 3A

Kufuneka kuphunyezwe umthetho kazwelonke oza kunika ingcaciso ngeemeko ezinokubangela ukuba inkundla ithathe isigqibo sokuba kungakhutshwa mbuyekiso ngomhlaba owohluthiweyo, umz., uMthetho oYilwayo wokoHluthwa.

## Kutheni lento iPalamente ibamba iindibano zovakaliso-zimvo kwakhona?

IPalamente, inikwe igunya nguMgaqo-siseko lokuba kufuneka kuqinisekiswa ngokwenene ukuba uluntu luyayithatha inxaxheba kuzo zonke iinkqubo ezikhoyo, kuquka ukwenziwa komthetho.

Ukufezekisa esi sigunyaziso, iKomiti yeThutyana imema bonke abantu abanomdla nalo maqela achaphazelekayo, umntu eyedwa okanye eyinxalenye yombutho ukuba bathathe inxaxheba kumsebenzi wokuHlonyelwa isihlandlo se-18 koMgaqo-siseko, nanjengoko inxulumene neCandelo 25.

IKomiti izakuqwalasela zonke iziphakamiso zoluntu zokuhlonyelwa koMgaqo-siseko ukwenzela ukuba iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe (i-NA) iwuphumeze lo Mthetho oYilwayo.

## Kutheni kubalulekile ukuthatha inxaxheba?

Ukuthatha inxaxheba koluntu yinkqubo ebalulekileyo kulo mbuso ulawulwa ngokwentando yesininzi eqinisekisa ukuba abenzi bomthetho bayazimamela izimvo zoluntu xa besenza imithetho.

## Kuza kwenzeka ntoni emva kwendibano zovakaliso-zimvo?

IKomiti yeThutyana izakuwubuyisela uMthetho oYilwayo kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe emva kokuba inike ingqwalasela yazo zonke iziphakamiso zoluntu. Amalungu kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe ayakuthi avotele ukuHlonyelwa isihlandlo se-18 koMgaqo-siseko. Ukuba iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe isiphumezile isihlomelo se-18th, lo Mthetho oYilwayo uyakuthi emva koko uthunyelwe kwiBhunga lamaPhondo leSizwe (i-NCOP) ukwenzela ukuba yona iwugwadle kunye namaphondo lo Mthetho oYilwayo. Emva kokuba lo Mthetho uphunyeziwe, uza kuvumela ukohluthwa komhlaba kunye nempahla ngaphandle kwembuyekiso.

*"IPalamente yaBantu eSebenzayo neSabelayo, ebamamelayo abantu."*